

# NALIBALI

## Stories at home

Reading and telling stories can be two of the most satisfying activities for children, especially if they are stuck inside to keep safe, or because it is raining or they are sick. The magic of books and stories will let them go on adventures and visit different places without leaving home.

Reading to our children shows them that reading can be enjoyable and entertaining. This motivates them to read more and more. And this is how they develop a lifelong relationship with books and reading!



## Amabali ekhaya

Ukufunda nokubalisa amabali kungaba ngomnye wemisetenzana emibini eyiyeyona yanelisa abantwana, ngakumbi xa bevaleleke ngaphakathi ukuze bakhuseleke, mhlawumbi ngenxa yokuna kwemvula okanye xa begula. Ubugqi beencwadi namabali buya kwenza ukuba baye kwiziganeko zodelongozi futhi batyelele iindawo ezahlukahlukeneyo bengaphumanga ekhaya.

Ukufundela abantwana bethu kubabonisa ukuba ukufunda kungamnandi kwaye konwabise. Oku kubakhuthaza ukuba bafunde ngakumbi nangakumbi. Kanti le yindlela abaphuhlisa ngayo ubudlelwane neencwadi kunye nokufunda kubude bobomi babo!

## PLAY WITH STORIES

Helping children understand how stories work, can be fun. When they act out a story in their own way, they deepen their understanding of it. Here are some ideas for playing with stories.

- ★ After reading or listening to a story, encourage your children to act it out. Let them choose which character they want to be. Then help them find hats, jackets and other clothes to dress up as the characters. Find ways to create different story props, for example, place chairs one behind the other, like seats on a bus or taxi. Let the children use their own words to act out the story.
- ★ With your children, listen to an audio story from the "Story resources" section of the Nalibali's website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Let your children listen carefully to how the actors use their voices to show their feelings.

## DLALANI NGAMABALI

Ukuncedisa abantwana ngokuqonda ukuba amabali asebenza njani, kungalulonwabo. Xa bedlala ibali ngendlela yabo, bayenza nzulu ingqiqo yabo ngalo. Nazi ezinye iingcebiso zokudlala ngamabali.

- ★ Emva kokufunda okanye kokumamela ibali, khuthaza abantwana bakho ukuba balidlale. Mabazikhethele umlinganiswa abafuna ukuba nguye. Bancedise ke ngokufumana iminqwazi, iibhatyi nezinye iimpahla ukuze banxibele abalinganiswa abangabo. Fumana iindlela zokuyila izixhaso, umzekelo, beka izitulo esinye emva kwesinye, njengezitulo zebhasi okanye zeteksi. Abantwana mabasebenzise amazwi abo xa bedlala ibali.
- ★ Nikunye nabantwana bakho, mamelani ibali ngesixhobo sokumamela kwicandelo elithi "Story resources" kwiwebhusayithi kaNalibali ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Abantwana bakho mabayimamele ngononophelo indlela abalinganiswa abasebenzisa ngayo amazwi abo ukubonakalisa izimvo zabo.

## CREATE STORIES

Let your children create stories by changing a story they know, in one of these ways.

- ★ Let them make up a different ending for their favourite story.
- ★ Ask them to add a new character or event to a story. The character or event should fit in with the rest of the story.
- ★ They can also use the characters from a story to create a new story of their own.

## YILANI AMABALI

Abantwana bakho mabayile amabali ngokutshintsha ibali abalaziyo, ngenye yezi ndlela.


- ★ Mabayile isiphelo esahlukileyo sebali labo abalithandayo.
- ★ Bacele ukuba bafake umlinganiswa omtsha ebalini. Umlinganiswa nokuba sesinye isiganeko kufuneka silungelelane nebali liphelele.
- ★ Basenakho ukusebenzisa abalinganiswa abasebalini ukuze bayile ibali elitsha elilelabo.



## Draw, write, tell

When children are able to do the following things after reading a story, it shows that they have understood what they read.

- ★ They are able to draw a picture about something that happened in the story.
- ★ They can write something that is linked to the story, such as a poem, a letter or a diary entry.
- ★ They can retell the story using their own words.



## Zobani, bhalani, balisani

Xa abantwana bekwazi ukwenza ezi zinto emva kokufunda ibali, oko kubonakalisa ukuba bakuqondile abakufundileyo.

- ★ Banakho ukuzoba umfanekiso wento eyenzeke ebalini.
- ★ Banakho ukubhala into enxulumene nebali, efana nombongo, ileta okanye inqaku elifakwe kwidayari.
- ★ Banakho ukuphinda babalise ibali kwakhona besebenzisa amazwi abo.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.



## Get creative!

When your children's school or preschool is closed, do you sometimes wonder how to keep your children learning while they have fun? Don't worry – this is a great opportunity to grow the culture of reading and writing in your home!

But what happens if you run out of stories to read? Well, we all have lots of our own stories to tell. And because stories are best when they are shared, a story that is written together with others is a great way to share a story! Follow the steps below to create a story with your children.

1. Together, make a list of what the story could be about. Get ideas from pictures, poems, stories you have read or something that has happened to you.
2. Choose one idea to use for your story.
3. Talk about the characters you will have in your story. Stories usually have a few characters, but there is always a main character. The main character could be:
  - ★ a special or an ordinary person
  - ★ young or old
  - ★ male or female
  - ★ a human, an animal or a make-believe character, like an alien or a dragon.



4. Decide how your story begins and then what happens next. All stories need a beginning, a middle and an ending. Include things in your story that would make it interesting to read or listen to.
5. Use interesting language to describe what the characters see, hear, smell, taste and touch.
6. Your story needs a series of steps that build up to a big surprise or discovery. This is the part of the story that makes a reader or listener think, "Wow!"
7. After this, you need to find a way for your story to end well. Good stories have satisfying endings!
8. Once you are happy with your story, give it a title.
9. Have fun telling your story or turn your story into a book by writing down the words and drawing pictures. For help with making your own storybook, download Edition 161 from the "Story resources" section of our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)).

## Sebenzisa ubugcisa bakho!

Xa sivaliwe isikolo okanye isikolo esiphambi kwamabanga sabantwana bakho, ingaba mhlawumbi ukhe uzibuze ukuba uza kubagcina njani abantwana bakho befunda ngendlela eyonwabisayo? Ungakhathazeki – eli lithuba elihle kakhulu lokuphuhlisa inkcubeko yokufunda nokubhala kwikhaya lakho!

Kodwa kwenzeka ntoni xa usaphelelwe ngamabali okufunda? Kamnandi, sonke sinamabali amaninzi ethu esinokuwabalisa. Kanti ngenxa yokuba amabali amnandi kakhulu xa ebaliswa, ibali elibhalwe kunye nabanye yindlela emangalisayo yokubalisa ibali! Landela amanyathelo angezantsi ukuze uyile ibali nabantwana bakho.

1. Nikunye, yenzani uludwe lwezinto ezinokwakha ibali. Fumanani izimvo emifanekisweni, kwimibongo nasemabalini enikhe nawafunda okanye kwinto eyenzeke kuni.
2. Khethani uluvo olunye lokwakha ibali lenu.
3. Thethani ngabalinganiswa enza kuba nabo ebalini lenu. Amabali akholisa ukuba nabalinganiswa abambalwa, kodwa usoloko ekhona umlinganiswa oyintloko. Umlinganiswa oyintloko angaba:
  - ★ ngumntu wohlobo olulodwa okanye oqhelekileyo
  - ★ mtsha okanye mdala
  - ★ yindoda okanye ngumfazi
  - ★ ngumntu, sisilwanyana okanye ngumlinganiswa owenziwa-akholeleke, njengomntu wenye indawo okanye igongqongqa.

4. Yenzani isigqibo ngendlela eliqala ngayo ibali nangento eyenzekayo elandelayo. Onke amabali afanele ukuba nesiqalo, isiqu nesiphelo. Qukani izinto ebalini lenu eziza kwenza ukuba lifundeke okanye limameleke ngomdla.
5. Sebenzisani ulwimi olunomdla ukuchaza okubonwa, okumanyelwa, okujojwa, okungcanyulwa nokuchukunyiswa ngabalinganiswa.
6. Iballi lenu lidinga uthotho lwamanyathelo akha ummangaliso okanye okufunyanisiweyo okukhulu. Le yinxalenye yebali eyenza ukuba umfundi okanye umphulaphuli acinge, "Wowu!"
7. Emva koku, nifanele ukufumanisa indlela yokuqoshelisa ibali lenu kamnandi. Amabali alungileyo aneziphelo ezanelisayo!
8. Nakuba nanelisekile ngebali lenu, linikeni isihloko.
9. Yonwabelani ukubalisa ibali lenu okanye ukujika ibali lenu libe yincwadi ngokubhala amagama nangokuzoba imifanekiso. Ngongcedo malunga nokwenza incwadi yenu yamabali, thabatha uShicilelo 161 kwicandelo elithi "Story resources" kwiwebhusayithi yethu ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)).




Drive your  
imagination

## Start a reading club at home

Nal'ibali has lots of resources and advice to help you bring stories and reading to life in your home.

- ✓ **Advice:** To help you get going, go to the "Story sharing" section of our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Click on the "How to guides" and scroll down to "Story power guides". Download the guide called, *Helping children read and write at home*. This guide is available in all 11 official South African languages. It is filled with ideas for sharing books and stories, getting your children writing and starting a reading club at home. For more tips and guidance on reading and writing with children of different ages, also have a look at our other "How to guides".
- ✓ **Story resources:** Enjoy hundreds of free downloadable stories in all 11 official South African languages. There are multilingual stories, rhymes and story cards in the "Story resources" section of our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). You can also use the "Story seeds" in this section to inspire your children to create their own stories!

- ✓ **Audio stories:** Our audio stories are excellent for children to listen to when you are busy with something else. Listening to stories expands children's imaginations and helps them to experience stories that they may not yet be able to read on their own. You can find audio stories in the "Story resources" section of our website.
- ✓ **Activities:** Let your children have fun while they practise and develop their reading and writing skills. Download and print our free tip sheets and activity sheets from the "Story sharing" section of our website.



## Qalisa iklabhu yokufunda ekhaya

UNal'ibali unemithombo yoncedo emininzi kunye namacebiso okunceda wena ngokuzisa amabali nokufunda kubomi bekhaya lakho.

- ✓ **Icebiso:** Ukunceda wena ukuze uqhube, yiya kweli candelo elithi "Story sharing" kwiwebhusayithi yethu ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Cofa apha "How to guides" uze wehlele ezantsi kwezikhokelo ezithi "Story power guides". Thabatha esithi, *Isikhokelo sokuncedisa abantwana ekufundeni nasekubhaleni ekhaya*. Esi sikhokelo sifumaneka ngazo zonke iilwimi ezili-11 zasebuRhulumenteni baseMzantsi Afrika. Sihlohwe ngezimvo malunga nokwabelana ngeencwadi nangamabali, ukukhuthaza abantwana bakho ngokubhala nangokuqalisa iklabhu yokufunda ekhaya. Ngamacebiso athe kratya nangokhokelo lokufunda nokubhala nabantwana bamabanga obudala ahluka-hlukeneyo, phinda ukhangele ezinye izikhokelo zethu apha "How to guides".

- ✓ **Imithombo yobutyebi bamabali:** Yonwabela amakhulukhulu amabali afumaneka kwi-intanethi simahla ngazo zonke iilwimi ezili-11 zasebuRhulumenteni baseMzantsi Afrika. Kukho amabali afumaneka ngeelwimi ezininzi, izicengelezo zabantwana kunye neekhadi zamabali kwicandelo elithi "Story resources" kwiwebhusayithi yethu ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Unakho nokusebenzisa esi "Story seeds" kweli candelo ukukhuthaza abantwana bakho ukuba bayile amabali angawabo!
- ✓ **Amabali amanyelwayo:** Amabali ethu amanyelwayo abalasele kuba akufanele ukumanyelwa ngabantwana xa usaxakeke yenye/kwenye into. Ukumamela amabali kwandisa iingcingane zabantwana futhi kubanceda ngokufumana amava amabali abangekakwazi kuzifundela wona ngokwabo. Unakho ukufumana amabali amanyelwayo kwicandelo elithi "Story resources" lewebhusayithi yethu.
- ✓ **Imisebenzi:** Abantwana bakho mababe nolonwabo besaziqhelanisa ngokunjalo bephuhlisa izakhono zabo zokufunda nokubhala. Fumana uze ushicilele amacwecwe ethu amacebiso simahla ngokunjalo namacwecwe emisetyenzana kwicandelo elithi "Story sharing" lewebhusayithi yethu.



## Dear Nal'ibali ... Nal'ibali othandekayo ...

### Dear Nal'ibali

Earlier this year, when schools were closed because of the coronavirus, I was worried about how to keep my two children from getting bored. I went on the Nal'ibali website and found lots of ideas, so I decided to make a reading corner in our house. I put some colourful cushions in a corner of the lounge. Then I put some magazines, books and story cards that I printed from your website in the corner too. I went there to read a few times and was very happy to see my children reading there too! They love the reading corner so much that it has become a permanent feature in our home. Thank you, Nal'ibali!

Bongi Dlamini, Welkom

### Dear Bongi

It is wonderful to hear that you have made a place for books and stories in your home. There is really nothing better than for families to read together!

The Nal'ibali Team



### WRITE TO US!

#### SIBHALELE!

The Nal'ibali Supplement  
The Nal'ibali Trust  
Suite 17-201, Building 17  
Waverley Business Park  
Wycroft Road  
Mowbray  
7700

info@nalibali.org



### Nal'ibali othandekayo

Uthe usaqala lo nyaka, xa bekuvalwa izikolo ngenxa yeKhorona vayirasi, ndakhathazeka ukuba ndiza kubagcina njani abantwana bam ababini bengenasithukuthezi. Ndiye kwivebhusayithi kaNal'ibali apho ndifumene khona izimvo ezininzi, ngoko ke ndenze isigqibo sokwenza indawo yokufunda endlwini yethu. Ndibeke imiqamelo emibala-bala ekoneni yegumbi lokuhlala. Ndibeke kwalapho ekoneni iimagazini, iincwadi neekhadi zamabali endizifumene ndaza ndazishicilela kwivebhusayithi yenu. Ndiye kumaxesha ambalwa ukuya kufunda apho ndaza ndavuya kakhulu ukubona abantwana bam befunda apho nabo! Bayithanda kakhulu indawo yokufunda kangangokuba seyide yaluphawu olusisigxina kwikhaya lethu. Ndiyabulela, Nal'ibali!

Bongi Dlamini, Welkom

### Bongi othandekayo

Kungummangaliso ukuba wenze indawo yeencwadi namabali kwikhaya lakho. Inene akukho nto iphucuke ngaphezu kokuba iintsapho zifunde kunye!

Liqela lakwaNal'ibali



### Dear Nal'ibali

Here is my review of *What's at the park?* (in Edition 164) by David Mann and Jess Jardim-Wedepohl.

The story is about a little girl called Zoey, who loves going to the park with her grandmother. Zoey is able to see many things at the park, while her granny is able to hear many things. The author wrote, "Granny needs glasses to see. But she can hear very well." While they are at the park Granny hears a loud sound and Zoey tells her it is a dog. The dog is dirty and smelly. The dog follows them to their house, and Zoey washed it.

This story is similar to the one called *Dog* (in Edition 161) that tells us how dogs started living with humans. The book is a good book because it teaches us to help each other and love one another.

Palesa Banda



### Nal'ibali othandekayo

Nalu uphengululo lwam lwebali elithi *Kukho ntoni epakini?* (UShicilelo 164) elibhalwe nguDavid Mann noJess Jardim-Wedepohl.

Ibali limalunga nentombazana encinane ebizwa ngokuba nguZoey, ethanda ukuya epakini nomakhulu wayo. UZoey ubona izinto ezininzi epakini, ngelixa umakhulu wakhe esiva izinto ezininzi. Umbhali ubhale wenjenje, "UMakhulu udinga iindondo ukuze abone. Kodwa uva kakuhle kakhulu ngeendlebe." Bathe besepakini uMakhulu weva isandi esikhulu waze uZoey wamxelela ukuba yinja. Inja imdaka kwaye inuka kakubi. Inja ibalandele bade bafika endlwini yabo, okanye ekhayeni labo waze uZoey wayihlamba.

Eli bali lifana neliya libizwa ngokuthi *UNja* (UShicilelo 161) elisixelela ngendlela ezaqala ngayo izinja ukuhlala nabantu. Le ncwadi yincwadi elungileyo kuba isifundisa ukuba sifanele ukuncedana nokuthandana.

Palesa Banda



### Create TWO cut-out-and-keep books

#### I found a puppy!

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Goldilocks and the three rhinos

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Ndifumene umbundlwana!

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### UNwelezelanga nemikhombe emithathu

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, elesi-6, elesi-7, elesi-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha lesi-7 nelesi-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your  
imagination

UNwelezelanga wakroba egumbini elilandelayo waze wabona ibhedl ezintathu: ibhedl enkulu, ibhedl ephakathi nebhedi encinane.



Goldilocks peeped into the next room. There were three beds: a big bed, a medium-sized bed, and a little bed.

Kodwa... SAQWABAZEKA SOPHUKA!!! Istitulo sophuka saba zingceda. "Owu, hayini! Ngoku ndisengxakini! Kungcono ndilinde kufike umntu. Ze ndimxelele ukuba ndiyaxolisa ndisophule isitulo esincinane," watsho uNwelezelanga.



But... CRACK CRASH!!! The chair broke into pieces. "Oh, oh! Now I'm in trouble! I'd better wait for someone to come home. Then I can tell them I'm sorry I broke the little chair," said Goldilocks.



We publish what we like

This is an adapted version of *Goldilocks and the three rhinos* published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Le yinguqulo elunga-lungisiweyo yebali elithi *UNwelezelanga nemikhombe emithathu* olupapashwe yiJacana Media nolufumaneka kwiivenkile zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiNgesi, ngesiAfrikansi, ngesiXhosa nangesiZulu. UJacana ipapasha iincwadi zabafundi abancinane ngazo zonke iilwimi ezili-11 zasebuRhulumenteni baseMzantsi Afrika. Ukufumanisa okuthe kratya ngezihloko zaseJacana yiya kwisiza u-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

# Goldilocks and the three rhinos

## UNwelezelanga nemikhombe emithathu



Joan Rankin  
Xolisa Guzula



Then she sat on the medium-sized chair. "Too soft!" she said.

Waze ke wahlala esitulweni esiphakathi. "Sithambe kakhulu!" watsho.

So she sat on the little chair and it was just right. "Just right!" said Goldilocks.

Ngoko ke, wahlala esitulweni esincinane kwaye sasilunge kanye. "Silunge kanye!" watsho uNwezelanga.



Then she lay down on the medium-sized bed. "Too squashy!"

Kodwa ibhedl enkulu yayingalunganga. "Ibhampa kakhulu!"

wacinga uNwezelanga ngelixa engqenqa kuyo.

But the big bed was no good. "Too bouncy!"

"Ndingwenela ukwazi ukuba yekabani na le bhedi enkulu,"

"I wonder whose big bed this is," thought Goldilocks, lying down.

Once upon a time three rhinos lived in a house in the forest. The small rhino was called Baby Rhino. The medium-sized rhino was called Mama Rhino and the big rhino was called Daddy Rhino.



Kudala-dala kwaye kukho imikhombe emithathu eyayihlala endlwini eyayisehlathini. Umkhombe omncinane swawusaziwa ngokuba nguSana Mkhombe. Umkhombe ophakathi yayinguMam' uMkhombe ze umkhombe omkhulu ibe nguTat' uMkhombe.

Then Mama Rhino and Daddy Rhino shared their porridge with Baby Rhino and they never saw Goldilocks ever again!



Baze ke ngoko, uMam' uMkhombe, noTat' uMkhombe babelana noSana Mkhombe ngesidudu sabo. Abazange baphinde bambone kwakhona uNwezelanga!

Ngoko, wangqengqa ebhedini encinane kwaye yayilunge kanye.  
 “Iunge kanye,” wazamla uNwelezelanga waze wabiwa bubuthongu, walala yoyi!



So she lay down on the little bed and it was just right.  
 “Just right,” yawned Goldilocks and she fell fast asleep!



Goldilocks woke up with a fright. She saw the three rhinos and jumped out of bed.

UNwelezelanga wavuka esoyika. Wabona imikhombe emithathu. Waxhuma watsiba ukuphuma ebhedini.

She climbed out the window. And then, without even saying sorry ... she raced out of the house and all the way home.

Waphuma ngefestile. Waze, engaxolisanga nokuxolisa ... wathi ngq-e-e-e ukuphuma endlwini egoduka.



“Sigine kakhulu!” watsho.

“Ndingwenela ukwazi ukuba sesikabani na esi situlo sikhulu,” wacinga uNwelezelanga, ehlala kuso. Kodwa isitulo esikhulu sasingalunganga.

“Too hard!” she said.

“I wonder whose big chair this is,” thought Goldilocks, sitting down. But the big chair was no good.


One day, Baby Rhino woke up very hungry. Their porridge was still too hot to eat. “Let’s go for a walk in the forest while it cools,” said Mama Rhino.




Ngenye imini, uSana Mkhombe wavuka elambe kakhulu. Isidudu sabo sasiseshushu kakhulu ukuba singatyiwa. “Masithatheni uhambo siye ehlathini ngelixa sisapholayo,” watsho uMam’ uMkhombe.

Waze ke ngoko uNwelezelanga  
wabona izitulo ezithathu: isitulo  
esikhulu isitulo esiphakathi  
nesitulo esincinane.

Goldilocks saw three  
chairs: a big chair, a  
medium-sized chair,  
and a little chair.



When the three rhinos came home, they were surprised  
to find the door open.  
Ihe xa imikhombe ihka ekhaya, yothuswa kukufumanisa  
umnyango uvuliwe.



While the three rhinos were out walking, a little girl  
came to the house. Her name was Goldilocks and  
she was NOT supposed to be in the forest alone, but  
Goldilocks didn't always do as she was told.


Kwathi ngelixa  
imikhombe emithathu  
isathathe uhambo,  
kwafika intombazana  
encinane endlwini yabo. Igama  
layo yayinguNwelezelanga kwaye  
KWAKUNGAFUNEKANGA ukuba abe  
sehlathini yedwa, kodwa uNwelezelanga  
wayengasoloko eyenza into ayixelelwayo.



“Someone’s been sleeping on my bed  
and **HERE**

**SHE  
IS!**”



wailed Baby Rhino in his small,  
little voice.



“Kukho umntu obelele ebhedini  
yam kwaye

**NGUYE  
LO!**”

wakhala isijwili uSana Mkhombe  
ngelizwi lakhe elincinane.



This wordless picture book can be used to create many different stories in any language you know.



Le ncwadi yemifanekiso engenamagama ingasetyenziselwa ukuyila amabali amaninzi ahlukehlukeneyo ngalo naluphi na ulwimi olwaziyo.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)







Drive your  
imagination

## I found a puppy! Ndifumene umbundlwana!




Jude Daly  
Alzette Prins



“Who’s been eating my porridge and EATEN IT ALL UP!” wailed Baby Rhino in his small, little voice.

“NGUBANI OBESITYA ISIDUDU SAM?” wagquma uTa’ uMkhombe ngelizwi lakhe elikhulu.  
 “NGUBANI OBESITYA ISIDUDU SAM?” wakhwaza uMam’ uMkhombe ngelizwi lakhe eliphakathi.



“WHO’S BEEN EATING MY PORRIDGE?” roared Daddy Rhino in his great, big voice.  
 “WHO’S BEEN EATING MY PORRIDGE?” shouted Mama Rhino in her medium-sized voice.



lakhe elincinane.

“Ngubani obesitya isidudu sam, to USITYE WASIQIBA!” dwakhala isiwili uSana Mkhombe ngelizwi

“Oh, oh!” thought Goldilocks. “I’d better wait for someone to come home. Then I can tell them how hungry I was.”  
 “Owu, owu!” wacinga uNwezelanga. “Kungcono ndlinda de kufike umntu. Ze ndimxelele ngendlela ebendilambe ngayo.”



The three rhinos looked into their bedroom.

“WHO’S BEEN SLEEPING ON MY BED?” roared Daddy Rhino in his great, big voice.

“WHO’S BEEN SLEEPING ON MY BED?” shouted Mama Rhino in her medium-sized voice.



Imikhombe emithathu yajonga engumbini layo lokulala.

“NGUBANI OBELELE EBHEDINI YAM?” bwagquma uTa’ uMkhombe ngelizwi lakhe elikhulu.

“NGUBANI OBELELE EBHEDINI YAM?” wakhwaza uMam’ uMkhombe ngelizwi lakhe eliphakathi.


“I’m hungry,” thought Goldilocks, and she knocked on the door. No one answered so she pushed the door open.

She saw three bowls of porridge steaming on the table: a big bowl, a medium-sized bowl, and a little bowl.

“Ndilambile,” wacinga njalo uNwezelanga, waze wankqonkqoza emnyango. Akuzange kubekho mntu uphendulayo, ngoko walutyhala ucango lwavuleka.

Wabona izitya ezithathu zesidudu ziqhuma phezu kwetafile: isitya esikhulu isitya esiphakathi nesitya esincinane.





“Silunge kanye,” watsho uNwelezanga waze wasitya wasigqiba.

Kodwa isidudu esasisesityeni esincinane sasilunge kanye.

“Just right,” said Goldilocks and she ate the whole lot.


But the porridge in the little bowl was just right.

“I’ll just have a little taste,” said Goldilocks to herself.

Ugh! The porridge in the big bowl was too stiff.


“Ndiza kungcamla nje,” watsho uNwelezanga ezithethela.

Awu! Isidudu esisesityeni esikhulu sasiqine kakhulu.



Ugh! The porridge in the medium-sized bowl was too runny.

Awu! Isidudu esasisesityeni esiphakathi sasingamanzi kakhulu.



wakhwaza uMam’ uMkhombe ngelizwi lakhe eliphakathi.

“NGUBANI OBEHELEI ESITULWENI SAM?”

wagquma uTat’ uMkhombe ngelizwi lakhe elikhulu.

“NGUBANI OBEHELEI ESITULWENI SAM?”

Waze uTat’ uMkhombe waqaphela izitulo ezintathu.



Mama Rhino in her medium-sized voice.

“WHO’S BEEN SITTING ON MY CHAIR?” shouted

Daddy Rhino in his great, big voice.

“WHO’S BEEN SITTING ON MY CHAIR?” roared

Then Daddy Rhino noticed the three chairs.

“Who’s been sitting on my chair and BROKEN IT!” wailed Baby Rhino in his small, little voice.



“Ngubani obehleli esitulweni sam waze WASOPHULA!” wakhala isijwili uSana Mkhombe ngelizwi lakhe elincinane.

## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Goldilocks and the three rhinos* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *I found a puppy!* (pages 9 and 10) and *Kalahari concert* (page 14).

### Goldilocks and the three rhinos

Look at these pictures from *Goldilocks and the three rhinos*. Number the pictures so that they match the order in which things happen in the story. Now use the pictures to retell the story.



### I found a puppy!

- ★ Use the pictures in this book to tell your own story.
- ★ Add a new ending to the story by drawing a picture.
- ★ Write a dialogue for the story. Give each character a name and write down what they say.



### Ndifumene umbundlwana!

- ★ Sebenzisa imifanekiso kule ncwadi ukuze ubalise ibali lakho.
- ★ Fakela isiphelo esitsha ebalini ngokuzoba umfanekiso.
- ★ Bhala incoko yababini yebali. Umlinganiswa ngamnye mnike igama uze ubhale abakuthethayo.

### Kalahari concert

- ★ Make an animal mask. Use a paper plate or piece of cardboard as well as fabric, wool, string, glue, paint, crayons and any other materials to make a mask of one of the animals in the story. When you have drawn and decorated the animal's face, cut holes in the mask for you to look through. Tie some string or wool to the sides of the mask. Then tie the strings around your head to hold the mask in place. Use your mask to act out the story.
- ★ Draw a picture of your favourite animal from the story. Can you write about why this animal is your favourite?



### Ikonsathi yaseKalahari

- ★ Yenza imaski yesilwanyana. Sebenzisa ipletyi yephepha okanye ikhadibhodi ngokunjalo nelaphu, iwulu, umtya, iglu, ipeyinti, iikhrayoni kunye naziphi na ezinye izinto zokwenza imaski yenye yezilwanyana ebalini. Xa sowuzobe waze wahombisa ubuso besilwanyana, sika imingxuma kwimaski ukuze ukwazi ukujonga ngaphaya kwayo. Bopha amacala emaski ngomtya okanye ngewulu. Emva koko bophelela imitya ibhijele intloko yakho ukuze imaski izinze. Sebenzisa imaski yakho ekudlaleni ibali.
- ★ Zoba umfanekiso wesona silwanyana sakho usithandayo esisebalini. Ungabhala uchaze ukuba kutheni esi silwanyana sisesona usithandayo?

## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNal'ibali: *UNwelezelanga nemikhombe emithathu* (iphepha lesi-5, lesi-6, lesi-7, lesi-8 le-11 nele-12), *Ndifumene umbundlwana!* iphepha le-9 ukuya kwele-10) nelithi, *Ikonsathi yaseKalahari* (iphepha le-15).

### UNwelezelanga nemikhombe emithathu

Jonga le mifanekiso ekhutshwe kwibali elithi *UNwelezelanga nemikhombe emithathu*. Faka iinombolo emifanekisweni zihambelane nolandelelwano lokwenzeka kweziganeko ebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso ekubalisweni kwebali kwakhona.



Drive your imagination



# Kalahari concert



By Jenny Robson ■ Illustrations by Vian Oelofsen

It had been a long dry season. The sun beat down day after day. Not a cloud drifted in the pale sky. And the waterhole had shrunk smaller and smaller, until it was just a patch of dried mud.


"This is awful!" said Gorata Giraffe bending her long neck.

"We are so thirsty," wailed Itseng Impala. All her cousins nodded their tiny horns.

"And we're hot and cross!" added Kgosi Kudu. All *his* cousins nodded their long curly horns.

"What a disaster!" shouted Moses Monkey. But his monkey friends were too busy arguing and fighting to hear him.

Rosie Rhino stayed quiet. She stood beside a thorn-tree. But the thorn-tree was thin. It had no leaves. So there was no shade for her enormous body.



Wise Mama Elephant looked at all the sad faces. She felt very sad for the animals. She knew it was still many, many weeks before the first rains would fall. How could she cheer them up? That's when she had a wise idea.

"A concert!" announced Mama Elephant. "Yes, we will hold a Kalahari concert!"

The mood changed at once. Everyone forgot about being hot and thirsty. They were too busy planning their acts for the concert.

"The impalas will put on a play," said Itseng. "It will be about family – about how lovely it is to have lots of cousins and aunts and uncles!"

"Moses and I will do an acrobatic show," said Gorata. "Moses can do amazing tricks climbing up my neck and sliding down again."

The other monkeys wanted to tell jokes. There were arguments while they decided who their best joke-teller was.

Mama Elephant trumpeted above the noisy monkeys, "My sister and I will play some music with our trunks. And you, Rosie? What will you do in our Kalahari concert?"

Beside the thorn-tree, Rosie felt shy. There was only one thing she wanted to do, only one thing she dreamed of.

"Ballet," she answered softly. "Ballet-dancing!"

"Ballet?" echoed everyone.

The monkeys fell about laughing, holding their tummies, their long tails twitching this way and that. "Ballet? A great big lump like that and she wants to be a ballerina! That will be the best joke of the night!" said the cheekiest monkey.

But Mama Elephant paid no attention to them. "Off you go, everyone," she said. "You all need to go and practise. Our concert will start at sundown."

Rosie went to her secret place behind the granite rocks. She knew tonight she would amaze everyone. She was going to perform a ballet step called a *jeté*. But a *jeté* was

difficult! She had to take a short run and then leap high in the air, as high as she could. She had to leap as if her body were light as a feather. And then she had to land on her front feet, gently and gracefully.

All afternoon, Rosie practised. By the time the rocks turned red from the setting sun, she knew her *jeté* was perfect. Yes, the animals would be amazed! They would never laugh at her again!

As the first stars appeared, the animals gathered on the plain.

Bad-tempered Baboon was the announcer because his voice was the loudest. "Ladies and gentlemen, here is the first act of our show: Mama and Sisi Elephant playing a kwaito number on their trunks."

The animal audience clapped and cheered. Then they fell silent as the elephant sisters began their powerful music. It wasn't long before everyone was moving to the music and when the song finished, there was more clapping and cheering.

"Next, some monkey jokes," boomed Bad-tempered Baboon.

Some of the monkey jokes were funny, some of them were not. And some of them were just confusing. Still, the animals clapped and cheered for the monkeys.

The animals were feeling better now. They had forgotten about being hot and thirsty. They were waiting for Rosie to do her ballet. That would surely be the funniest sight ever!

At last, after the Impala family's play and the acrobatics from Gorata and Moses, Bad-tempered Baboon announced, "And now, the final act of our Kalahari concert – our very own ballerina, Rosie Rhino!"

Onto the stage stepped Rosie. She had wildflowers tucked behind her ears. She had some pink material, that sort of looked like a skirt, tied around her large tummy.

"Go, Rosie, go!" the audience yelled. The monkeys were falling about, laughing again.

Rosie didn't care – her dream was coming true. To prepare for her *jeté*, she took a short run and launched herself into the air as high as she could. For a brief moment, she felt as if she were flying, light as a feather. Then down she came, not gently or gracefully, but with a massive, enormous, crashing *THUMP!* The ground shook like an earthquake.



Everyone stopped laughing.

In silence, they stared at the spot where Rosie had landed. There was a huge hole in the ground now. And then ... then, the most wonderful, most glorious, most amazing thing happened. Out of the hole gushed a fountain of water – clean, sparkling, fresh underground water!

The animals rushed forwards, feeling the coolness on their skins, drinking down great gulps of water.

"Thank you, Rosie!" they shouted in between mouthfuls. "You are the best, most wonderful, most amazing ballerina ever!"

And not one of them even thought about laughing!



Drive your imagination



# Ikonsathi yaseKalahari

Libali likaJenny Robson Imifanekiso izotywe nguVian Oelofsen



Yayilixesha elide lembalela. Ilanga laligqats' ubhobhoyi usuku nosuku. Kwakungekho nelifu elibonakala esibhakabhakeni esikhanya ilanga. Kanti iqula lamanzi laliqale ngokufinyela laya ngokuba lincinci, lade lalibala lodaka olomileyo.


"Imbi kakhulu le nto!" utshilo uGorata Ndlulamthi egoba intamo yakhe.

"Sinxanwe kakhulu," wakhala uitseng Mpala. Bonke abazala bakhe banqwala ngeempondo zabo ezincinci.

"Futhi siyatsha kwaye siqumbile!" woleka watsho uKgosi Quda. Bonke abazala bakhe banqwala ngeempondo zabo ezinde ezingamajikojiko.

"Enje yona intlekele!" wakhwaza uMoses Nkawu. Kodwa abahlobo bakhe babexakeke kakhulu bephikisana futhi besilwa bengenakumva.

URosie Mkhombe wayethule. Wayeme ecaleni komthi wameva. Kodwa umthi wameva wawucekethekile. Wawungenamagqabi. Ngoko ke kwakungekho mthunzi womzimba wakhe omkhulu.



UMaNdlouvi osiSilumko ujonge zonke iimbonakalo zobuso ezilusizi. Waziva enovelwano olunzulu ngezilwanyana. Wayesazi ukuba kwakusasele iiveki ezininzi, phambi kokuna kweemvula zokuqala. Wayeza kubakhuthaza njani? Kusenjalo ube noluvo lobulumko.

"Ikonsathi!" wabhengeza uMaNdlovu. "Ewe, siza kuba nekonsathi yaseKalahari!"

Isimo sengqondo satshintsha kwangoko. Wonke umntu walibala ngobushushu nokunxanwa. Babexakeke kakhulu ngamalungiselelo eendima zabo zekonsathi.

"Iimpala ziza kuba nomdlalo," watsho uitseng. "Uza kuba malunga nosapho – ngendlela ekumnandi ngayo ukuba nabazala noomakazi kunye noomalume abaninzi!"

"UMoses nam siza kuba nomboniso wokuthamba komzimba," watsho uGorata. "UMoses angenza imimangaliso yamaqhinga okukhwela entanyeni yam aphinde atshebelezele ezantsi kwakhona."

Ezinye iinkawu zazifuna ukuhleka abanye ngeziqhulo. Kwabakho iingxoxo-mpikiswano xa babesenza isigqibo ngoyena uyincutshe ekuhlekiseni ngeziqhulo.

UMaNdlouvi uhlokome ngaphaya kweenkawu ezazingxola, "Mna nodadewethu siza kudlala umculo ngemiboko yethu. Kanti wena, Rosie? Uza kwenza ntoni ekonsathini yethu yaseKalahari?"

Ecaleni komthi wameva, uRosie wayephethwe ziintloni. Yayinye kuphela into awayefuna ukuyenza, yayinye kuphela into awayephupha ngayo.

"Ibhaleyi," uphendule ngelizwi eliphantsi. "Umdaniso webhaleyi!"

"Ibhaleyi?" kwahlokoma wonke umntu.

Iinkawu zagigitheka yintsini, zibambe izisu zazo, imisila yazo emide ipitshoza ngapha nangaphaya. "Ibhaleyi? Isiqhuma esikhulu kangako sifuna ukuba ngumdaniso webhaleyi oyintshatsheli! Eso singaba sesona siqhulo sibalaseleyo sobusuku!" yatsho eyona nkawu inendelelo.

Kodwa uMaNdlovu zange abahoye. "Sukani, hambani apha nonke," watsho. "Nonke hambani niye kuzilungiselele. Ikonsathi yethu iza kuqala ukutshona kwelanga."

URosie waya endaweni yakhe emva kwamatye enyengane. Wayesazi ukuba ngobo busuku uza kumangalisa wonke umntu. Wayeza kwenza isimbo sebhaleyi esasibizwa ngokuba ijete. Kodwa ijete yayinzima! Wayefanele ukubaleka umganyana aze atsibe

phezulu emoyeni, kangangoko anakho. Wayefanele ukutsiba ngokungathi umzimba wakhe ukhaphukhaphu ngokosiba. Emva koko wayefanele ukuya kuthi gxidi ngeenyawo zakhe zangaphambili, ngobunono nangobunene.

Yonke mva- kwemini, uRosie wayezilungisa. Athe xa amawa ejika esiba bomvu ngenxa yokutshona kwelanga, wabe esazi ukuba ijete yakhe igqibelele. Ewe, zaziza kumangalisa izilwanyana! Babengazi kuphinda bamhleke kwakhona!

Kuthe xa kuvela iinkwenkwezi zokuqala, zabe sezihlangene ethafeni izilwanyana.

UMfene Onephuku wayengumbhengezi ngenxa yelizwi lakhe elilelona likhulu. "Manenekazi namanene, nantsi indima yokuqala yomboniso wethu: OoMaNdlovu bedlala umculo wekwaito emibokweni yabo."

Abaphulaphuli bezilwanyana baqhweba izandla bayiyizela. Emva koko bathi cwaka xa oodade iindlovu babeqalisa ngomculo wabo onamandla. Zange kube kudala phambi kokuba wonke umntu axhentsiswe ngumculo kwaze ekupheleni kwengoma, kwaqhwaywa ngakumbi kukho nentswahla yemivuyo.

"Kulandela iziqhulo zeenkawu," wagquma uMfene Onephuku.

Ezinye iziqhulo zeenkawu zazihlekisa, kanti ezinye zazingenjalo. Zazikhona nezibhidisayo. Kodwa izilwanyana zaqhuba ngokuqhweba kukonwatyiswa ziinkawu.


Zaphinda zaziva zizolile izilwanyana. Zazilibe ngobushushu nangokunxanwa. Zazilindele ukuba uRosie enze ibhaleyi yakhe. Ngokuqinisekileyo lowo yayiza kuba ngowona mboniso uhlekisayo!

Ekugqibeleni, emva komdlalo wosapho lweempala nasemva komboniso wokuthamba komzimba owenziwa nguGorata noMoses, wabhengeza uMfene Onephuku, "Ngoku, umboniso wokugqibela wethu weKonsathi yeKalahari – ngowencutshe yethu yenene yebhaleyi. uRosie umkhombe."

Waqabela eqongeni uRosie. Wayeneentyatyambo zasandle eziqhushekwe emva kweendlebe zakhe. Kwakukho nelatshana elalipinki elalibukeka ngathi sisiketi, elalibhijele isisu sakhe esikhulu.

"Hamba, Rosie, hamba!" bakwaza abaphula-phuli. Iinkawu zazisiwa ngapha nangapha ziphelile yintsini kwakhona.

URosie wayengakhathali – iphupha lakhe lalijike layinene. Ukulungiselela ijete yakhe, uqale ngokubaleka umgama omfutshane waze waxhumela lakaty emoyeni phezulu kangangoko anakho. Okwethutyana, wayeziva ngathi uyabhabha, umzimba wakhe ukhaphukhaphu okosiba. Emva koko, uhlele ezantsi, engehli ngobunono nangobunene, kodwa ngowalakahla WESTHONGA sobunzima esidilikayo nesikhulukazi! Umhlaba ugungqwe kwangathi kukho inyikima.



Wonke umntu wayeka ukuhleka.

Bethule tu, babejonge ngqo kwindawo agxidikele kuyo uRosie. Kwakugrumbekwe umngxuma omkhulu emhlabeni ngoku. Emva koko ... ngoko, kwenzeka eyona nto yayingummangaliso, ezukileyo nekhwankqisayo. Emngxunyeni kwasuka kwampompoza umthombo wamanzi – acocekileyo, ahlwahlwazayo, ahlaziyekileyo aphuma phantsi komhlaba!

Izilwanyana zagxalathelana ukuya phambili, zisiva ukuphela okumnandi ezikhumbeni zazo, zaxhapha amanzingamathamo amakhulu.

"Siyabulela, Rosie!" zakhwaza izilwanyana phakathi kokuginya amathamo. "Ungoyena, ugqwesileyo, umangalisayo, uyeyona ncutshe ikhwankqisayo yomdaniso webhaleyi!"


Akukho namnye kubo owaphinda wacinga ngokuhleka!

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.



Unscramble the letters to find the names of five characters from the story, *Kalahari concert*. Can you remember what kind of animal each is? Write it down.

Bhidanisa oonobumba ukuze ufumanise amagama abalinganiswa abahlanu abasebalini elithi, *Ikonsathi yaseKalahari*. Ungakhumbula ukuba ingulowo uloluphi uhlobo lwesilwanyana? Lubhale phantsi.

ESMSO \_\_\_\_\_

ARTAOG \_\_\_\_\_

EIROS \_\_\_\_\_

SKIGO \_\_\_\_\_

NGETIS \_\_\_\_\_



2.

### Play this word game!

- Write down a word that is six to ten letters long.  
\_\_\_\_\_
- Use only the letters from your word in (1) to write down two words that have five letters each.  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_
- Use only the letters from your word in (1) to write down two words that have four letters each.  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_
- Use only the letters from your word in (1) to write down three words that have three letters each.  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_
- How many of the words you wrote down can you use in one sentence? (You can include other words too.)  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_



### Dlala lo mdlalo wamagama!

- Bhala phantsi igama elinobude boonobumba abathandathu ukuya kwabalishumi.  
\_\_\_\_\_
- Sebenzisa oonobumba abakwigama olibhale ngasentla kuphela (1) ukuze ubhale amagama amabini anoonobumba abahlanu igama ngalinye.  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_
- Sebenzisa oonobumba abakwigama olibhale ngasentla kuphela (1) ukuze ubhale amagama anoonobumba abane igama ngalinye.  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_
- Sebenzisa oonobumba abakwigama olibhale ngasentla kuphela (1) ukuze ubhale amagama amathathu anoonobumba abathathu igama ngalinye.  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_
- Mangaphi kumagama owabhalileyo onokuwasebenzisa kwisivakalisi esinye? (Ungaquka namanye amagama.)  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_  
\_\_\_\_\_



Impendulo: 1. Moses (inkawu), Gorata (indlu/mthi), Rosie (umkhombe), Kgosi (iqhude), It seng (impala)

Answers: 1. Moses (monkey), Gorata (giraffe), Rosie (rhino), Kgosi (kudu), It seng (impala)

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)
[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

**JABAVU**

**RECORD**

**UMLAZI EYETHU**

**Bonus**

**LENTSWE**  
THE VOICE OF MATLOSANA

**RIDGE TIMES**



Drive your imagination

